Saint Josemaria Escriva

Founder of Opus Dei

UMTHANDAZO

Thixo, ngemithandazo kaMariya uVirigo ongcwele, wanika umpriste wakho ongcwele uJosemariya iimfefe ezininzi, wamonyula ukuze abe sesona sixhobo sithembekileyo sokuqala iOpus Dei, indlela eya ebungcweleni ngemisebenzi yemihla ngemihla nangezenzo eziqhelekileyo zobuKristu.

Ndincede ukuze nam ndifunde ukuguqula iimeko neziganeko zobomi bam ukuze zibe ngamathuba okukuthanda nokukhonza iTyalike, uPhapha, nayo yonke imiphefumlo, ngovuyo nokuzithoba, ndikhanyise iindlela zehlabathi ngokholo nothando.

Ngokucelelwa ngu Josemariya ongcwele ndicela undiphe oku (xela isicelo sakho). Amen

Bawo wethu, Ah Mariya, Udumiso.

"Naphi na apho ulangazelelo lwakho, umsebenzi wakho, uthando lwakho lukhona, leyo yindawo yemihla yonke obonana kuyo noKristu. Kuxa siphakathi kwezona zinto zibonakalayo zehlabathi apho kufuneka singcwalise khona, sikhonze uThixo nabo bonke abantu. Izulu nehlabathi ziyabonakala ngokunga ziyadibana, bonyana nani zintombi zam, kulo ulundi. Kodwa apho zidibana khona ngenene kusezintliziyweni zenu, xa sukuba ningcwalisa iintsuku zonke zobomi benu..."

Intshumayelo kaJosemariya Escriva ongcwele, Ubutshantliziyo ekuthandeni ihlabathi, 8 Octoba 1967.

UJosemaria ongcwele wazalelwa eBarbastro eSpain ngomhla we 9 ku Januari ngowe 1902. Wathanjiselwa ubupriste eSaragossa ngomhla wama 28 kuMatshi 1925. Ngomhla wesi 2 Octoba 1928, ngokuphenjelelwa nguMoya kaThixo, waseka iOpus Dei. Ngomhla wama 26 Juni 1975, wasweleka ngequbuliso eRome kwindlu awayesebenzela kuyo, emva kokukrwaqula ngothando olukhulu umfanekiso kaMaria ongcwele. Ngelo xesha iOpus Dei besele inabele kumazwekazi amahlanu, inamalungu angaphaya kwe 60,000 anobuzwe obungama 80, bekhonza iTyalike ngomoya wobunye obugqibeleleyo, uPhapha, noobhishobhu oku lolona phawu lube lungu ndoqo kubomi buka Josemaria. Ohloniphekileyo uPhapha uJohn Paul II wamnyusela kwicango leengcwele ngomhla we si 6 October 2002.

Umsitho wakhe unge 26 Juni. Umzimba ka Josemaria ubekwe kwicawa ebizwa nge 'Our Lady of Peace, eViale Bruno Buozzi 75, eRome.

linkcukacha ezithe vetshe ngo Josemaria Escriva ongcwele zifumaneka ku:

www.josemariaescriva.info

www.escrivaworks.org

Abo bafumene uncedo ngokuthethelelwa ngu Josemaria Escriva ongcwele bayabongozwa ukuba babhalele kwi Opus Dei Prelature, P.O.Box 72642, Parkview 2122, South Africa.

E-mail: info@opusdei.org.za

Imvume yeTyalike ifumanekile